Isalathiso: 20200731-7313
Inombolo yefayili: 12/12/41/1 (2020/21)
Imibuzo: L Sangqu

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0001/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela-Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukuthengwa kweempahla zokuzikhusela ii-*personal protective equipment* (PPE) ukwenzela i-*COVID-19* kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

1. Oku kumalunga nomhlathi 3.1 weSetyhula 0035/2019 neSetyhula 0036/2019, zomhla we-26 Septemba 2019.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) linike inkxaso zonke izikolo ukuthenga iimpahla zokuzikhusela (*personal protective equipment (PPE)*) emva kwethuba lokuqala lemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo. ISebe iWCED liya kuqhubeka ngokubonelela ngee-*PPE* ezongezelelweyo ezikolweni, ngokuxhomekeke ekufumanekeni kwezimali.

3. Nakuba kunjalo, izikolo zimele ukuzongeza iimfuno zazo ze-*PPE*, apho kusebenzayo oku, ngokusebenzisa izabelo-mali zemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali *(norms and standards (N&S)* zazo phantsi kwe-ayithem engu-***local purchases,* ezizinto ezithengwa kulo ndawo sikuyo isikolo.** Izinto ezithengwa kulo ndawo isikolo sikuyo ziya kwandiswa ukwenzela ukuba ziquke ii-*PPE* ukwenzela *i-COVID-19*.

4. Kucetyiswa izikolo ukuba ziziqwalasele ngokuphangeleleyo iibhajethi zazo yaye emva koko ziziphathe ngendlela izabelo-mali ze-*N&S* ukuqinisekisa ukufumaneka kwezimali ezaneleyo ukulungiselela iimfuno zazo ze-*N&S*.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2020-08-26